Ihlathi laseBobo lihlathi elikhulu, linemithi emininzi exineneyo. Kweli hlathi kwakukho iindidi zonke zezilwanyana, neentaka. Kwakukho neentaka ezimbini, uStovi noStali, ezazingavani kwaphela.

Ingxabano yazo yaqala ngokuba wathi uStovi evela kuqokelela ingca yokwakha indlwane, wafika uStali nabahlobo bakhe behleli emthini wakhe. Babeyazi ukuba ngumthi awayeyalezile ukuba uzakuzakhela kuwo.





Abazange bafune ukusuka xa wayebacela. Yaba buhlungu intliziyo kaStovi. Basuka bamane behlekela phezulu kangangokuba kwakude kushukume namasebe omthi.

Wayengayazi ukuba bahleka ntoni. Kwakucaca ukuba babemncitha, befuna athethe.

Akazange afune ukuthetha, wasuka wathutha ingca yakhe waya komnye umthi. Waqhubeka wakha indlwane wayigqiba.  Akugqiba waya kudlala nabahlobo bakhe.

"Andisafuni nokumbona laa Stali nabo bahlobo bakhe kakade. Bandiphazamisile ndizama ukuzakhela indlu." Watsho uStovi kubahlobo bakhe.





“Bekutheni uze ungabashiyi uye komnye umthi?” Wabuza uNtakazana.

“Ekugqibeleni ndenze loo nto ndayakha ndayigqiba indlu yam, intle nizakuyibona kungekudala.” Watsho uStovi. Kwathi besancokola beva ngesandi esothusayo.

Grrr-rrrrr-rrr….
Kwenzeka ntoni?” Babuzana.
Gr-grr-grrrr-grrr-grrrr!

“Bagawula imithi.” Watsho uStovi.

“Kubonakala ukuba bazimisele ukuyigawula yonke. Bahamba ngeeteletele ezinkulu,” wahlomla uNtakazana.

“Loo nto ithetha ukuba asizukuba namakhaya,” woleka uSikhova.

“Kufuneka sizame ukuyinqanda ingaqhubekeki le nto,” watsho exhalabile uStovi.





“Masikhe sibize zonke izilwanyana, sizame ukuyinqanda le nto” wacebisa uSikhova.

“Izilwanyana zithe saa, siza kusokola ukuzifumana zonke kwangethuba xa sisodwa,” watsho uNtakazana.

“Singacela ooStali nabahlobo bakhe baqale kwelinye icala lehlathi,” wacebisa uSikhova.

“Unotshe! Andisokuze ndicele uncedo kubo mna,” watsho uStovi equthe umlomo.

“Siza kuncediwa ngubani ke?” Wabuza uSikhova?

Grr-ggrrr-grr-grr! Gqum! Savakala sikufuphi kuna kuqala isithonga sabothusa bonke ngakumbi.  Abagawuli bemithi babengawuyeki umsebenzi wabo. Babesele beyigawulile imithi emininzi.

“Masohlulelane, abanye mabaye kwela cala lihlala iindlovu, abanye baye kule miqolomba ilapha ehlathini,” watsho uSikhova.

“Ngubani ozakuya kubiza ooStali?” Wabuza uNtakazana. “Bayekeni, sizakuzenzela lo msebenzi,” waphendula uStovi. “Likhaya lethu sonke eli ligawulwayo, Stovi. Xa ungafuni sincedisane sizakulisindisa njani?” Wabuza uSikhova.



“Asiceli mvume kuwe, Stovi. Awunguye umphathi wethu. Mazibizwe zonke izilwanyana zizokuncedisa” watsho uNtakazana.

“Stovi, masicele uncedo kooStali yingxaki yethu sonke le,” watsho uSikhova.

Wade wavuma ukumamela uStovi wacela uxolo.

“Ewe kunjalo, likhaya lethu sonke eli. Kudingeka ukuba sincedisane ukulikhusela.  Ndiza kuya kubacela ngokwam  ooStali nabahlobo bam basincedise.”

Kwathi qhu saa ingulowo esiya kwelakhe icala eyokufuna uncedo. Wafika uStovi kooStali sele ekhefuzela wabaxelela ngengxaki ebafikeleyo bezizilwanyana zehlathi.





“Ndicela sisebenzisane ukukhusela amakhaya ethu.  Enye nenye siza kuyixoxa sele siwugqibile lo umsebenzi,” watsho uStovi.

Wabakhuthaza uStali abahlobo bakhe ukuba balandele uStovi. Balandelelana ukuya kulo ndawo imithi yayigawulwa kuyo.

Bafika sele ezinye iintaka zifikile. Zavuya zakubona uStovi ehamba noStali bevuyiswa kukuba bevana kwakhona.

Zonke iintaka zazisazi ukuba nguStali owayethanda ukuhlupha uStovi amgezele.

UStovi wakhwela emthini omde ukuze zonke iintaka zimbone. “Zintaka zakowethu, sijongene nengxaki enkulu esichaphazela sonke. Nanjengoko senivile ngababephume ingqina, kufike abantu bagawula imithi anamakhaya ethu,” waqhubekeka uStovi.





Grr-rrr-rrr-rrr. Wavakala umtshini ugawulwa kwakhona.

“Singanceda njani?” wabuza uStali sele emaxhaphetshu. “Ngoku kufuneka sikhawuleze siqokelele zonke izilwanyana zeli hlathi. Masiye kwiinkalo zonke zehlathi sibize izilwanyana zonke zize kumhlangano omkhulu ongxamisekileyo.” Watsho uStovi. “Makuphangiswe ke siphinde sidibane kwakule ndawo sikuyo,” waqhubeka uStovi.

Zazizimisele ukusebenzisana iintaka.

Zagxalathelana ukufika izilwanya neentaka zibuya sele zithe ngcu kwimiqolo yooNdlulamthi nooNdlovu . Zavumelana ngamxhelo mnye izilwanyana ukuba zibagxothe abagawuli. Zacebisana ukuba zingenza njani.  UStali noStovi babebambisene ukuqhuba loo ntlanganiso.





Babesele besondele kakhulu abagawuli bemithi. Bokhwankqiswa kukubona ingqungquthela yezilwanyana zonke zehlathi bayeka ukugawula. Bathi bothuke njalo, babona zigungqa izilwanyana zijolise kubo.

Izilwanyana ezinamendu nezinkulu zabekwa ngaphambili ukuhlasela utshaba.

Izilwanyana ezide zazisemacaleni zaze ezinamandla zama ngasemva. Iintaka zithe ngcu phezu kwezilwanyana ezinokuzithwalela nezinamandla. Ezinye zazibhabhela phezulu zilungiselela ukuphephezela phezu kwabagawuli zibaphazamise. Zonke zazime ngobume zilinde uStali azixelele ukuba zingahlanganisa njani.

"Nikhumbule maqela, oku sikwenzela nje ukubothusa bayeke le nto bayenzayo. Akufuneka kubekho namnye kubo owonzakalayo," watsho uStovi.





“Phambiliiiii! Kuboooo!” Wakhwaza watsho uStali.  Zasuka ngaxeshanye izilwanyana zisenza ingxolo enkulu. “Kwenzeka ntoni madoda!” Wabuza omnye umgawuli.

Zange kubekho mgawuli uphendulayo. Yasuka yaba nguwashiywa ukuya kukhwela kwiinqwelo-mafutha zabo. Zange baphinde bajonge ngasemva.

“Halala! Halala!” zatsho izilwanyana zivuya. Siphumelele kwiphulo lethu lokusindisa ikhaya lethu.  Yaba yimincili namakhwelo ovuyo kwizilwanyana ziziva zikhuselekile.




“Ndithi mandithathe eli thuba ndibulele iintaka ezithe zasazisa ngalo monakalo uphantse wenzeka,” watsho uNdlovu.

“Nathi sincedwe nguStovi nabahlobo bakhe,” waphendula uStali.

“Kumnandi xa sisebenzisana zilwanyana zakowethu,” watsho uMfene.

Zahamba zisiya kumakhaya azo izilwanyana ezininzi. “Ndiyabulela kuwe Stali nabahlobo bakho kuba niye nawenza lula lo msebenzi,” watsho uStovi.



“Ndiyabulela nam kuni ngokusincedisa. Ndiyaxolisa ngendlela nam endikuphatha ngayo,” watsho uStali.

“Ndiyalwamkela uxolo nombulelo wakho Stali,” watsho uStovi.

UStovi noStali bafunda ukuba xa kukho intsebenziswano kubakho impumelelo. Zasondela kubo iintaka zabaphakamisela phezulu zicula.

“UStovi noStali ngamaqhawe ethu, ngamaqhawe ehlathi lonke liphela.”

Ulwazi Lwethu

Readers

## Inqanaba 1

1. Izandi ezizizikhamiso
2. Izandi ezingamaqabane (b-j)
3. Izandi ezingamaqabane (k-r)
4. Izandi ezingamaqabane (s-z)
5. Vula, vala, vakala
6. Ukubala amagubu
7. Imbalela
8. Uziva njani uZazi?
9. UNunu noBobi
10. Idonki
11. Ipesika enkulu
12. UVuxa uthanda ucoceko
13. Isuphu emnandi
14. Amawele aluncedo
15. Qaphela Cokisa
16. USazi ufuna ukupeyinta
17. Ibululu esibayeni
18. UVela noVutivi
19. Iyakwazi ukubhabha

## Inqanaba 2

1. Umlilo
2. UKhabo nesigcawu
3. Ubuya nini uTata?
4. Mini emnandi Zazi
5. Amantombazana alusayo
6. Masonge amanzi
7. Iinwele ezinkulu
8. Basefama
9. Isifo seehagu
10. Usapho lwam
11. UKhosi uxakekile
12. Lina libalele
13. Ukonga uTatomkhulu
14. Ubomi bam basefama
15. Konke ngeetapile
16. Imvumi yodumo uMirriam Makeba
17. UNtombi ubhaqa isela
18. IShibhelani kaKulani

## Inqanaba 3

1. Soweto
2. Isipho esothusayo
3. Andiyithandi imifuno
4. UKhazi nombala obomvu
5. Izipho
6. Umjikelo wobomi besele
7. Uthando lwamawele
8. Umnyama kaNyansio
9. UPhumu owonwabileyo
10. Umnqweno kaLunje ufezekile
11. UMoli neekhrikethi
12. Uleqa phi Wenzile?
13. Amaqanda kaZodwa adukileyo
14. Isidudu esimnandi
15. Iinyosi
16. Ingwenya enentiyo
17. Amaxesha onyaka
18. Zinkulu kum
19. Isonka sikaNomsa
20. UMbali noBuhle

## Inqanaba 4

1. Impindezelo yenkunzi
2. Icebo elihle likaNtiyiso
3. Ibhola elahlekileyo
4. Batyelela umzi wogcino zilwanyana
5. Idyasi eguquliweyo
6. Ubuchule bukaNcinci
7. Badlala kuyo nayiphi imozulu
8. Imisebenzi yasekhaya
9. Ilokhwe entle
10. Umlimi uNtsika neenkawu
11. Amanzi ndawo yonke
12. Ubugqi bembewu
13. UPhila wonzakele
14. Isityalo esiphilisayo
15. Iindlela zabantu baseVenda
16. UQhawe uyalazi ixesha
17. Ugqirha uSooliman olungileyo
18. Amakhwenkwe akrelekrele
19. Iindlela zothutho
20. UGcina uzigcina esempilweni

## Inqanaba 5

1. Isiqalo esitsha
2. Inguqu kaNondwe
3. Intombazana ekrelekrele
4. Umsesane weXhalanga
5. Umdlali obalaseleyo
6. UThobile nezihlangu ezintsha
7. Imilambo yaseMzantsi Afrika
8. Imithi yaseMzantsi Afrika
9. Uphelelwe ngamanzi emzimbeni
10. Singcamla incasa yaseVenda
11. Utata wethu, umgcini wezilwanyana
12. Umkhuhlane
13. UNomadlakadlaka oligorha
14. Ingxaki egadini kaMakhulu
15. UStovi noStali
16. Iphupha likaSiviwe
17. Isihlangu esihle
18. UThwasa uphuthelwe
19. Ukulima
20. Ubuhlobo bokwenene
21. Umlobi

Ulwazi Lwethu yinkqubo esekwe ngenkxasomali yiZenex Foundation ukuvelisa uluhlu lweencwadi zokufunda nezinye izixhobo zokufundisa. Le nkqubo ijolise ekufundiseni nasekuxhaseni ukuphuhla kwesakhono sokufunda nokuqonda ulwimi lwasekhaya kubafundi abakumabanga aphantsi. Ezi ncwadi zihleliweyo zisungulwe ngeelwimi ezilithoba zaseMzantsi Afrika ngentsebenziswano phakathi kwamaqumrhu iMolteno Institute for Language and Literacies, iNelson Mandela Institute for Education and Rural Development, iRoom to Read South Africa neSouth African Institute for Distance Education. Zonke ezi zixhobo ziveliswe njengesibonelelo semfundo evulelekileyo nefumaneka simahla, iOpen Education Resources (OER) ngelasemzini.

Nceda undwendwele iwebhusayithi yethu ukuze ufumane ushicilelo olupheleleyo lwale ncwadi:: ***ulwazilwethu.org.za***

Creative Commons Attribution-NonCommercial-NoDerivatives (CC BY-NC-ND) 4.0 International Licence

Disclaimer: You are free to download and share this work as long as you attribute Zenex Foundation, but you may not change this work in any way or use it commercially.

ISBN: 978-1-77981-403-6